Soek jy 'n fantastiese tutor?

www.teachme2.com/matriek

Byeengebring deur

teachme2

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

NOVEMBA 2023

AMANQAKU: 80

IXESHA: Iiyure 2

Olu viwo lunamaphepha ali-14.

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:

ICANDELO A:	Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B:	Ushwankathelo	(10)
ICANDELO C:	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	(40)

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni kweCANDELO NGALINYE.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo ngaNYE.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

ICANDELO A:	Imizuzu engama-50
ICANDELO B:	Imizuzu engama-20
ICANDELO C:	Imizuzu engama-50

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

1.1 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A

IMIDLALO IPHUHLISA IZAKHONO ZOBOMI

1 Phantse bonke abantwana badlala imidlalo okanye benza imidlalwana enyakazisa neyomeleza umzimba njengokuba bekhula. Kusesikolweni okanye kungexesha lokuzonwabisa apho abantwana bazibandakanya nezemidlalo. Imidlalo yinto abahlala beyonwabela abantwana abaninzi. Kuyancomeka oko, ngakumbi kweli xesha siphila kulo, apho uninzi lwabantwana lusuke luchithe ixesha elininzi luhleli phantsi. Oku kubangelwa kukuba bexabise imidlalwana edlalwa ngezixhobo zetekhnoloji. Nangona kunjalo, ayikokuzuza ukomelela ngokwasemzimbeni kuphela into eyenza imidlalo ibaluleke. Ukuzibandakanya kwezemidlalo kuluncedo ekukhuliseni nasekuphuculeni izakhono ezithile ebantwini. Izakhono ezifana nezokunxibelelana nabanye abantu, ukumilisela ingqondo nokusebenzisana ngentlonipho nabanye abantu. Ezi ke zezinye zezakhono ezibalulekileyo neziyimfuneko kubomi bethu bonke singabantu.

2 Kuninzi okubalulwa ziingcali neenjinga zezemidlalo ngokubaluleka kwezemidlalo ekwakheni isimo somntu. Phakathi kwezimvo zazo kungabalulwa oku kulandelayo: Ukuhlonipha abaphathi neenkokeli; ukukwazi ukuzilawula nokuziphatha. Ziqhuba zithi iingcali, imidlalo ikhulisa ukuzithemba, ukuzola naxa iimeko zikuhambela kakubi; ukumela oko ukufunayo; ukumilisela ingqondo, nezinye. Aziyishiyi intsebenziswano yamalungu eqela nokwamkela ngesidima ukungaphumeleli. Akukho bani ongayiphikisa inyaniso yokuba zezinye zezakhono ezibalulekileyo ebomini ezi.

3 Xa kujongwa iintlobo ngeentlobo zemidlalo kuphawuleka ukuba uhlobo ngalunye lunezakhono oluziphuhlisayo. Umdlali wekhrikethi oyibhowula edumileyo wase-Indiya uBumrah, uthi lo mdlalo uthatha iintsuku eziliqela ngokwemveli yawo. Kulo mdlalo, abadlali banikana amathuba, kuyalindwana ngokubhethisha. Loo nto ithetha ukuba ngeli xa omnye umdlali ebhethisha, abanye abadlali balindile. Uthi ke uBumrah, ngenxa yoko lo mdlalo ubafundisa ukuba nomonde abantu, nokukwazi ukunika abanye abantu amathuba. Ngubani ongayaziyo into yokuba okuninzi ebomini kuphumezeke ngokuba nomonde?

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

4 Esinye sezakhono ezibalulekileyo ebomini kukomelela ngokwasengqondweni nangokwasemoyeni. Umdlalo wentenetya (*tennis*) usifuna kakhulu isakhono sokomelela nakweliphi izinga umdlali akulo. Ngumdlalo onesantya esikhawulezayo nosebenzisa **amandlakazi**. Uvunywa ziingcali ukuba ufuna unyamezelo olukhulu. Umntu kufuneka akhulise ukomelela kwezihlunu, okwamalungu okuphefumla nonyamezelo lwasengqondweni. Njengeminye imidlalo, umdlalo wentenetya unenzuzo kowudlalayo ngenxa yokuphuhla kwezi zakhono zobomi.

5 Qwalasela umdlalo webhola ekhatywayo (isoka). Iqela lalo mdlalo lenziwa ngamalungu alishumi elinanye. Umdlalo wesoka unyanzelisa ukuba amalungu eqela ali-11 amamele, aqonde imiyalelo; azilungelelanise ngokwawo. Ngoko ke kulo mdlalo kubalulekile ukunxibelelana kwamalungu ngokufezekileyo ukuze kufezekiseke injongo ephambili yeqela. Lo mdlalo ubafundisa inkathalo noxanduva abantwana besebancinane. Ukwabafundisa ukubaluleka kwempumelelo yeqela lilonke, ngaphezu kwempumelelo yomntu omnye. Ngoko ke xa ulilungu leqela kufanele ukuba ubeke phambili iqela hayi isiqu sakho.

6 Umdlalo wombhoxo (irabhi) waziwa njengowona mdlalo ugadalala. Nkqu seyidlalwa ngabantwana abancinane, isebenzisa ubugadalala. Obu bugadalala buye bunyukele ngokobudala babadlali, kangangokuba kude kuliwe ngamanye amaxesha ebaleni. Umdlalo wombhoxo usebenzisa isantya esikhawulezayo, umzimba kunye neemvakalelo, ngakumbi ezokucaphuka okuye kukhokelele kuxambuliswano phakathi kwabadlali. Kulapha kuwo apho bafunda ukuzibamba nokulawula imisindo abadlali. Iingxabano ziyenzeka ebomini. Into ebalulekileyo yindlela elungileyo yokuzisombulula. Sisakhono esibalulekileyo ebomini, isakhono sokukwazi ukusombulula iingxaki ngaphandle kokulwa.

7 Inani labantu abaziimbaleki (ii-athilethi) liye linyuka ngokunyuka kwaye ukubaleka kuye kuthandwa ngabantu. Ii-athilethikhi zenza ukuba umntu abe yedwa amaxesha amaninzi. Imbaleki ayixhomekeki eqeleni koko kwisiqu sayo. Ngoko ke kufuneka ikwazi ukuzilawula, yomelele ngokwasengqondweni nasemzimbeni. Ukuzilolonga eyedwa umntu kukhuthaza ingqiqo yokuba ebomini elowo umntu unogqatso lwakhe. Kubalulekile ke oko kwixesha esiphila kulo labantu nabantwana abaphila ubomi obunoxinzelelo lokungafuni kogqithwa. Umntu ufunda ukumilisela ingqondo kwigowuli azibekele yona, esenza ngokwamandla neziphiwo zakhe. Ngoko ke umntu, kwii-athilethiki ufunda ukubaleka olwakhe ugqatso lobomi ngomonde.

8 Eliyinyani leli lokuba imidlalo, nkqu nemidlalo yemveli, ayiyo nto nje yokuzonwabisa nokuchitha ixesha. Inendima eyidlalayo ebomini, ngakumbi ekuphuhliseni nasekwakheni izimo nezimilo zethu singabantu.

[Sithatyathwe ku-www.info@inspiresports.com saguqulelwa, saze salungiselelwa uviwo.]

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

Jonga kumhlathi 1

1.1.1 Xela indawo abazibandakanya kuyo nezemidlalo abantwana ngokwalo mhlathi. (1)

1.1.2 Nika isizathu sokuba uninzi lwabantwana luchithe ixesha luhleli phantsi ngokwalo mhlathi. (1)

1.1.3 Khankanya zibe MBINI izakhono ezikhuliswa kukuzibandakanya nezemidlalo. (2)

Jonga kumhlathi 2

1.1.4 Nika zibe MBINI izimvo ezikhankanywa ziingcali kulo mhlathi malunga nokubaluleka kwemidlalo. (2)

1.1.5 Lisixelela ntoni igama elibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esingezantsi ngokubhekiselele kumalungu eqela?

'**Aziyishiyi** intsebenziswano yamalungu eqela …' (2)

Jonga kumhlathi 3

1.1.6 Chaza ukuba umdlalo wekhrikethi uwufundisa njani umonde ebantwini ngokwalo mhlathi. (2)

1.1.7 Nika injongo yokusetyenziswa kombuzo-buciko kulo mhlathi. (2)

Jonga kumhlathi 4

1.1.8 Lizisa ngcinga ni ngokubhekiselele kumdlalo wentenetya igama '**amandlakazi**' elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)

1.1.9 Khankanya zibe MBINI iindawo adinga ukomelela kuzo umdlali wentenetya ngokwalo mhlathi. (2)

Jonga kumhlathi 5

1.1.10 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

Igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi esingezantsi lisetyenziselwe ukubonakalisa unobangela …

'... kubalulekile ukunxibelelana kwamalungu ngokufezekileyo <u>ukuze</u> kufezekiseke injongo ephambili yeqela.'

A nesenzeko
B nesiphumo
C nesizathu
D nesichasi (1)

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

Jonga kumhlathi 6

1.1.11 Xela ukuba kutheni kusithiwa umdlalo wombhoxo ngowona ugadalala ngokwalo mhlathi. (1)

1.1.12 Siluncedo njani kubomi bemihla ngemihla isakhono esifunyanwa kumdlalo wombhoxo? (2)

Jonga kumhlathi 7

1.1.13 Tolika inkcaza engezantsi ngokomxholo walo mhlathi.

'... esenza ngokwamandla neziphiwo zakhe.' (2)

Jonga kwitekisi yonke

1.1.14 Ingaba ulwazi olufumaneka kwesi sicatshulwa luphumelele ukukuguqula ingqondo malunga nezemidlalo? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.2 Funda lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

[Uthatyathwe ku-www.indigenousgames.com]

1.2.1 Xela ukuba mangaphi amaqela akweli bala likulo mfanekiso uze uxhase impendulo yakho. (2)

1.2.2 Ngqina ukuba lo mdlalo wokucumba iitoti udinga ukuba abadlali bawo bamilisele ingqondo. (2)

1.2.3 Cacisa ngokolwazi olusemfanekisweni ukuba inkunkuma ikhe ibe luncedo ngamanye amaxesha. (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2

ISICATSHULWA C esingezantsi simalunga noncedo lwentsebenziswano kwimpumelelo yeshishini.

Funda isicatshulwa C esingezantsi uze ubhale iingongoma eziphambili ezimalunga noncedo lwentsebenziswano kwimpumelelo yeshishini.

IMIYALELO

1. Bhala isishwankathelo sibe kwimo yeengongoma ungadluli kumagama angama-60.
2. Nombola izivakalisi zakho ukusuka ku-1 ukuya ku-7.
3. Sebenzisa izivakalisi ezipheleleyo ukubhala iingongoma.
4. Sebenzisa AMAZWI AKHO kangangoko unako.
5. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ekupheleni kwesishwankathelo.

ISICATSHULWA C

INTSEBENZISWANO ILUNCEDO KWIMPUMELELO YESHISHINI

Kukho iindaba ezimnandi ezithi kukho ubungqina obubonisa ukuba intsebenziswano ibalulekile ekwenzeni ishishini eliqaqambileyo. Ibalulekile kakhulu kumashishini ngezi zizathu:

Intsebenziswano isisiseko senjongo ephambili yenkampani ekuphuhliseni imveliso. Oko kuphuhla kwemveliso kwenza inkampani ikhule ngokukhula, nto leyo eyenza ukuba ikwazi ukugcina abasebenzi, iphumeze neenjongo zayo. Xa ingekho intsebenziswano iinzame ezenziwa yinkampani ziphumelela nzima.

Intsebenziswano kwishishini idala umanyano phakathi kwabasebenzi neenkokeli, oko kuphumelelise ishishini. Oku kungenxa yokuba intsebenziswano ibasela umoya wobunye phakathi kwamalungu eqela labasebenzi abasebenza kunye. Oko kwenze ukuba izinga lenkampani lokuvelisa iimveliso ezikumgangatho ophezulu linyuke.

Ukuxabisana nokuhloniphana kwabasebenzi kunye neenkokeli kukhulisa intsebenziswano. Intsebenziswano ibenza abasebenzi basebenzele ukuba babe yinxalenye yempumelelo yenkampani lonke ixesha. Oku kwenziwa kukuba wonke umntu utsho awonwabele umsebenzi wakhe kuba esebenza nabantu abamhloniphileyo.

Impumelelo yeshishini ikwaxhomekeke kakhulu kwindlela abathembakele ngayo abasebenzi balo. Intsebenziswano ikhuthaza ukuba abasebenzi bathembakale kwinkampani nakubaxhasi bayo kutsho kuqaqambe ishishini. Kaloku ukuthembakala kwabasebenzi kubaxhasi kubenza bayithembe inkampani batsho bayixhase ngakumbi. Konke oko kuyimpumelelo yeshishini.

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

Intsebenziswano yenza ukuba kubekho ubudlelwane obuhle phakathi kweenkokeli nabasebenzi, obugcina igama lenkampani lilihle. Igama elihle lenkampani likhokelela kwimpumelelo yalo. Intsebenziswano ke ngoko yenza ukuba abasebenzi nabo babonwe njengabameli bempumelelo yenkampani yabo. Intsebenziswano ikhulisa umnqweno wokuphucula izakhono kubasebenzi, ze oko kukhulise ngakumbi ishishini.

Ngenxa yentsebenziswano, ishishini lingakwazi ukuwogqitha amanye amashishini elikhuphisana nawo ngempumelelo. Intsebenziswano idala ukubona ngeliso elinye, kujoliswe kumbono omnye oyimpumelelo yeshishini, ngumntu wonke okulo. Ngoko ke iluncedo ekwenzeni ukuba ishishini liggwese.

[Sithatyathwe ku-www.pirelli.com yaza yaguqulelwa, yalungiselelwa uviwo.]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA D

[Sithatyathwe ku-www.bing.com yaguqulelwa, yaza yahlelwa]

3.1 Zibhekisa kubani izenzi, 'gxila, zama, sela, kholwa' ezikwesi sibhengezo-ntengiso? (1)

3.2 Xela into eluncedo ngayo le mveliso kumthengi. (1)

3.3 Nika isilogani sale mveliso. (1)

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

3.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

Ingcinga eziswa yinkcaza ethi, 'Iyinkqubo ephuculweyo' kwisibhengezo-ntengiso yeyokuba i-Powerade inotshintsho oluyenze yakumgangatho … kunakuqala.

A ophantsi.
B ophezulu.
C ofanayo.
D ongalunganga. (1)

3.5 Xela injongo yokubekwa komfanekiso womdlali ecaleni kwemveliso ethengiswayo. (2)

3.6 Nika intsingiselo yegama 'ezimka' ngokomxholo wesi sibhengezo-ntengiso. (2)

3.7 Ingaba esi sibhengezo-ntengiso singakwenza ukuba uthathe isigqibo sokuyithenga le mveliso? Xhasa impendulo yakho. (2)
[10]

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

UMBUZO 4: IKHATHUNI

Funda le khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA E

[Ithatyathwe ku-www.@Brian Crane yaguqulelwa, yalungiselelwa uviwo]

4.1 Xela ukuba sahluke ngantoni ISAKHELO SESIBINI kwezinye izakhelo kule khathuni. (1)

4.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Igama 'useza' elikwintetho kaSteve KWISAKHELO SOKU-1 linika intsingiselo yokuba isenzo athetha ngaso ...

A sesenzekile.
B asizukwenzeka.
C asikenzeki.
D siyenzeka. (1)

4.3 Cacisa ukuba kutheni uSteve esivulile isandla sakhe KWISAKHELO SESI-3. (2)

4.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zikwizibiyeli.

Intetho kaSteve EKWISAKHELO SESI-2 malunga nemisebenzi yendoda iqulethe (ingcinga ebethelelekileyo/ukugweba phambi kokuba uve). Xhasa impendulo yakho. (2)

4.5 Xela ukuba uvakalelwa njani uSteve yintetho kaPat KWISAKHELO SESI-4. Xhasa impendulo yakho. (2)

4.6 Ingaba luluncedo kuSam olu lwazi aluxelelwa nguSteve? Xhasa impendulo yakho. (2)

[10]

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

UMBUZO 5: IPROZI

5.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo ebuzwe kuso.

ISICATSHULWA F

UBUNTU

Eli gama, 'ubuntu' lithande ukuxhaphaka kuba lisetyenziswa kwiimeko ngeemeko kobu bomi sibuphilayo. Lingachazwa ngokuchazwa, kodwa intetho ebusaci ethi, 'Umntu ngumntu ngabantu,' ilichaza ngokufutshane kodwa ngokupheleleyo. Le ntetho iziziseko sokwakhiwa kwamakhaya nabanye amaziko okwakha uluntu. Iyintetho ekhuthaza ukuba ekhayeni umzali nomntwana bahloniphane; ummelwane nommelwane bahloniphane; umntwana nomntwana bahloniphane. Lilonke, wonke umntu unikwa isidima esipheleleyo ngokufanelekileyo. Wonke umntu uyazi ukuba ubomi bomnye umntu makabuhloniphe njengoko ehloniphe obakhe. Wonke ubani uyazi ukuba impumelelo yekhaya iza ngokusebenzisana, ubunye nobufelandawonye.

Umntwana oqeqeshwe phantsi kolungiselelo lobuntu uthi naxa sele emdala athabathe inxaxheba kwimibutho eyakha isizwe, awahloniphe amalungelo abanye abantu.

[Sithatyathwe kwincwadi, *Amavo Obuntu*, MMM Duka, amaphepha 39–40 saza sahlelwa, salungiselelwa uviwo]

5.1.1 Khetha igama elisisimelabizo sokukhomba kwesi sivakalisi silandelayo.

Eli gama ubuntu lithande ukuxhaphaka kuba lisetyenziswa kwiimeko ngeemeko. (1)

5.1.2 Xela isibizo esibhekiselele kuso isakhi u-'li' esibhalwe ngqindilili kule nkcaza ingezantsi.

Igama ubuntu lingachazwa ngokuchazwa kodwa intetho ebusaci ethi, 'Umntu ngumntu ngabantu,' i**li**chaza ngokufutshane kodwa ngokupheleleyo. (1)

5.1.3 Bhala kwakhona esi sivakalisi silandelayo ulungise iziphene ezikhoyo kuso.

Le ntetho iziziseko sokwakhiwa kwamakhaya nabanye amaziko okwakha uluntu. (2)

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

5.1.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Intsingiselo eziswa sisakhi u-bu- kwigama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa yeyokuba le ntetho …

A iyaphikisana nesaci.
B ayifuneki kwisaci.
C iyangqinelana nesaci.
D iyelelene nesaci. (1)

5.1.5 Khetha isibizo esisebenze njengentloko yesivakalisi kwesi sivakalisi singezantsi.

Uyawahlonipha umntwana amalungelo abanye abantu. (1)

5.1.6 Fakela ikoma kwindawo efanelekileyo kwesi sivakalisi silandelayo.

Ubuntu buquka inceba uvelwano nothando. (1)

5.1.7 Sisetyenziswe njani isimelabizo soquko esibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esilandelayo?

Lilonke, **wonke** umntu unikwa isidima esipheleleyo ngokufanelekileyo. (2)

5.1.8 Chonga isenzi esikwimo yesixando kwesi sivakalisi silandelayo uze uxele udidi lwaso.

Umntwana uqeqeshwa phantsi kolungiselelo lobuntu. (2)

5.1.9 Nika ixesha lesenzi esibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi silandelayo.

Le ntetho **ikukhuthazile** ukuba ekhayeni umzali nomntwana bahloniphane. (1)

5.1.10 Guqula esi sivakalisi singezantsi sibe kwimo yokuyalela.

Umntwana makahloniphe abantu. (2)

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

5.2 Funda lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA G: UMFANEKISO

[Uthatyathwe ku-www.allcreatures.org yaze yalungiselelwa uviwo]

5.2.1 Sebenzisa isihlanganisi esikwizibiyeli ukudibanisa ezi zivakalisi zingezantsi.

Masikhathalele izilwanyana. Izilwanyana zisikhathalele. (ukuze) (2)

5.2.2 Yakha isivakalisi esinentsingiselo ephuhlileyo usebenzisa la magama angezantsi.

bantu, inja, ukukhathalela, aba, bobabini, bayancedisana. (2)

5.2.3 Guqula esi sivakalisi sibe kwimo yombuzo.
Qala ngolu hlobo: Zisikhathalele ...

Izilwanyana nazo zisikhathalele. (2)
[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 40
AMANQAKU EWONKE: 80